



Inombolo yefayili: 19/3//3  
Isalathiso: 20231031-9307

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loVavanyo: 0020/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharithulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBaqquzeleli be-FET, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimvowo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Iziphumo ezixhaphakileyo ekumodareyithweni kweeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (School Based Assessment) (SBA) kwiphondo kwiBakala 12 kwiphondo**

1. Ukumodareyithwa kweeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (School Based Assessment) (SBA)) yinkqubo yokuqinisekisa ukubasemthethweni kwezixhobo zovavanyo, ubulungisa kwiinkqubo zovavanyo kunye nokuthembeka kwezigqibo zovavanyo ngabo bonke ootitshala kwizithili ngokubanzi ngokwemigangatho ekuvunyelwene ngayo.
2. Ukumodareyithwa kwe-SBA kuqhutywa kwinqanaba lesikolo, lesithili, lephondo, nelikazwelonke ukungqinisisa ukuthembeka kwamanqaku e-SBA.
3. Kubalulekile ukuba isikolo ngasinye sibe noMgaqo-nkqubo i-Assessment and Moderation Policy osebenzayo ukuqinisekisa ukuba zonke iimvavanyo ziyayifezekisa imigqaliselo yokuba zinobulungisa, zisemthethweni yaye zithembekile.
4. Uvavanyo lwe-SBA kwiBakala 12, luqulethe i-25% yamanqaku okupasa okugqibela (final promotion marks) kuzo zonke izifundo ezivavanywa kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate (NSC)). Kwizifundo ezinekhomponenti yepraktikhali kunye neelwimi, uvavanyo olwaluqhutywe ngutitshala lulingana nomlinganiselo ongaphezu ko-25%. Kwimeko yeSifundo soLwazi ngezoBomi, i-SBA ibala u-100%.

5. Okuqulethwe yi-SBA yesifundo ngasinye kucaciswe kwiNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*). Ingcaciso engaphezulu yacaciswa kwezi Ngcaciso ziMfutshane zilandelayo:
  - 5.1 INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0001/2023, yomhla we-23 January 2023, equlethe ii-2023/24 Annual Teaching Plans and Programmes of Assessment (POA); kunye
  - 5.2 neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0007/2023, yomhla we-31 Matshi 2023, eyayiqulethe imilinganiselo yamanqaku kwizifundo ehlaziyiweyo ngokumalunga ne-POA ukulungiselela iSigaba se-*Further Education and Training* band kumaBakala 10-12.
6. Ngo-2023, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqhube ukumodareyithwa kwee-SBA kwiBakala 12 kwiphondo, kwezi zifundo: **Accounting, Business Studies, Consumer Studies, Economics, English First Additional Language, History, LO, Life Sciences, Mathematics, Mathematical Literacy ne-Physical Sciences.**
7. Kwathathwa iisampula kuluhlu lwezikolo
  - ezazinomndilili wamanqaku e-SBA ka-15% nangaphezulu komndilili wepesenti yamanqaku oviwo atshintshwe apha naphaya
  - ezazinomndilili wamanqaku e-SBA asezantsi (30%, 40% and 50%).
  - ezazinamanani obhaliso aphezulu; okanye
  - ezazinereyithi yokupasa equka konke ephantsi kakhulu ngo-2022.
8. Ukumodareyitha kweemvavanyo kwiphondo kwakuqhutywe kusetyenziswa izixhobo ii-*standardised instruments* liCandelo loLawulo loVavanyo. Iingxelo ngokuqhubekayo kwinkqubo yokumodareyithwa kweemvavanyo zazithunyelwe kwizikolo ezikhethiweyo yaye emva koko izithili kunye nootitshala baxoxa ngazo ukwenzela ukuba kuvunyelwane. Le nkqubo yokuqinisekisa umgangatho nokumodareyithwa kweemvavanyo lithuba lokukhuthaza ukuqaliswa kwamaphulo ophuhliso lootitshala.
9. Apha kule ngcaciso imfutshane kuqhutyoshelwe **njengesihlomelo A**, isishwankathelo seengcebiso ekucetyiswa ngazo ngethuba lokumodareyithwa kweemvavanyo.
10. ISebe leMfundo esiSiseko no-Umalusi ngokunjalo bakhethe izikolo ezithile ukulungiselela ukumodareyithwa kweemvavanyo kabini ngo-2023 yaye kwabelwana ngeengxelo eziquka zonke iinkcukacha nezithili ezikhethekileyo yaye kwamodareyithwa nezifundo. Ezinye zezi ngcebiso ziqwalaselwe kwakhona **kwisihlomelo A**.

11. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba iintloko zezifundo/iinkokeli zezifundo kwizikolo zabo ziyaxoxa ngeziphumo nabo bonke abacebisi bezifundo nootitshala bezifundo abachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuba ziyenziwa iingcebiso ukwenzela ukuba kuphuculwe umgangatho wenkqubo yovavanyo kwiphondo ngokubanzi.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2023-11-24